



Itheko likaPikoko lomhla wokuzalwa

IsiXhosa



Harold Gondwe

Itheko likaPikoko lombhla wokuzalwa

Ibhalwe nguHarold Gondwe
Izotywe nguKaren Ahlschläger



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



IPikoko yayiceba ukwenza itheko elikhulu lomhla wokuzalwa kwayo. Yayicinga ngendlela eyayiza kulenza lahluke ngalo eli theko kwamanye amatheko omhla wokuzalwa

“Heke! Ngoku ndiyifumene into eza kwenza ukuba abantu bathethe ngetheko lam,” yatsho ijikeleza ivule amaphiko ayo iPikoko.

IPikoko yayisaziwa ngokuzingca nangokudlisela ngokuvula amaphiko ayo ngelixa iveza iintsiba zayo ezintle ezinemibala.

“Andizukuzimema zonke izilwanyana, ndiza kumema kuphela izilwanyana ezinamaphiko ze sithi xa sidanisa siveze ubuhle bamaphiko ethu kunye neentsiba zethu. Yhoo, ngathi ndiyazibona xa sendiwavule onke amaphiko am!”



Yaqalisa ukubhala izimemo iPikoko, imema zonke izilwanyana eyayifuna ukuzimema; inkuku, amadada, impangele kunye nesagwityi.

Isimemo sasizicela iindwendwe ukuba ze zize namaqabane azo, zinxibe impahla emhlophe kuphela kuba kwakuza kubakho ukhuphiswano lomdaniso. Abaphumeleleyo babeza kufumana amabhaso ancumisayo. Emva koko waqalisa ke umsebenzi omkhulu wokukhangela iimpahla ezimhlophe.



“Noko ayindiphathanga kakuhle le nto yokuba kufuneka ndiye kuthenga iimpahla ezimhlophe kodwa ndiza kuzinxiba ixeshana elifutshane,” yatsho inkuku icaphuka.

“Ndingakukhapha Nkuku xa usiya kukhangela impahla kuba ndiyakwazi wena awukwazi ukukhetha impahla entle,” latsho idada ligigitheka lihleka inkuku.





“Mna andinangxaki nempahla emhlophe.
Loo nto ke ithetha ukuba ndiza kuphumelela
futhi ndiza kubamhle kakhulu,” latsho
ngokuziqhayisa okukhulu idada.

Besancokola njalo kwathi gqi uFudo. “Molweni, nincokola ngantoni na bethuna? Ingaba ikhona into enihluphayo?” labuza uFudo.

“Ayifuni wena into esiyincokolayo, kaloku wena awuyi ethekweni, awumenywanga ngoba awunamaphiko,” yatsho inkuku.

“Nangoku, ungazihluphi ngokuya ethekweni ngoba awulolungu losapho lwethu,” lwengeza idada.

Idolophu yonke yayithetha ngeli theko, nto leyo eyenza ukuba uFudo luzame indlela yokuya nalo nangona lwalungamenywanga.

Lwavakala luthetha lodwa uFudo, “Kanti ke nam ndiyaya kweli theko, akukho mntu uza kundinganda. Bakuthi bendibona ndibe sele ndingaphakathi kwigumbi letheko.”



“Uyaziva phofu ukuba uthini? Ndikucebisa ukuba ungayi phaya kuba uza kuzihlazisa ngoba uyayazi ukuba khange umenywe. Phofu, kutheni ufuna ukuya?” yatshoinja izama ukucebisa uFudo.

“Khawuphulaphule ke Mnumzana uNja, mna andikhange ndicele zimvo zakho, andiyazi kwale uyithethayo, khawukhe uvale loo mlomo wakho wethu!”

“Ngathi ndiyababona bekukhuphela ngaphandle ungekatyi nokutya,” yatsho ihlekela phantsiinja ishiya uFudo lusacinga ngendlela engcono yokuya kweli theko.

UFudo lwaqalisa ukulungiselela ukuya kwitheko. Lalingafuni kubonwa ukuba lenzani laze layifihla yonke into elaliyenza.

“Inene, uFudo lufuna ukuzihlazisa bonanje ngokuya ethekweni lingakhange limenywe,” yatshoinja ithetha nekati.

“Khawuluyeke uFudo torho, luyazi lona ukubalenzani, andifuni kuyingena le nto yalo mna,” yatsho ikati.

“Yeyi, ininzi into esiza kuyiva ngeli theko,” yatshoinja ishiya ikati.

Lwafika usuku olukhulu ekudala lulindelwe, izilwanyana zazihombe zizigcodololo. Zafika ethekweni zihamba namaqabane azo.

Ufudo lwanyebeleza, lungabonwa mntu,
lwangena ngaphakathi kwindawo
enombhiyozo. Lwaluziqabe ubuso ngepeyinti
lwanxiba nesifonyo. Into eyayimangalisa
kukuba lwalukhangeleka ngathi lunamaphiko
afana nawedada. Lwangena luhamba
ngokuzithemba nokuzingca okukhulu.



Waqala umbhiyozo, yakhohlelela phantsi iPikoko yaze yacela inzolo ngokubetha iglasi ngecephe ukuze ithethe kakuhle.

“Nceda thoba umculo torho,” yatsho ze impangele yawuthoba umculo kuba yayiyiyo eyayidlala umculo.

“Enkosi ngokuza kubhiyoza nam kweli theko lomhla wam wokuzalwa, kuninzi ke ukutya, andiqondi ukuba nakukugqiba. Ukuba kungakhona okushiyekayo, ningahamba nigoduke nako.” Ipikoko yatsho ngokuzingca okukhulu.

“Okokugqibela, siza kuba nokhuphiswano lomdaniso, ophumeleleyo ndiza kumnika isipho esimangalisayo.”

Zawa ngokuwa izithethi, zisithi “huntshu” kuPikoko ngetheko lakhe elihle lokubhiyozela umhla wokuzalwa. Ukutya neziselo kwakudlala abantwana.

Yonke into yayihamba kakuhle. Kwathi kwakugqitywa yonke into, kwaculwa ingoma yomhla wokuzalwa ethi, “Min’emnandi kuwe!”



Lafika lona ixesha lokhuphiswano lomdaniso.
Impangele yayisele izilungisile iingoma
ezimnandi zomdaniso.

Yadlala ingoma ethi, “Jerusalema”.

Hayi ke yaphakama yonke indlu, wonke umntu
ebonisa izakhono zakhe zokudanisa.

UFudo lwathi, “Hayi yhoo andicingi ndihlale
phantsi tu. Ndiyayithanda kakhulu le ngoma.”

Lwaphakama uFudo lwadanisa, lwabila
labaleka amanzi. Ipeyinti elaliyiqabile yaqalisa
ukusuka ngenxa yokubila.

Lathi idada lakubona indlela oludanisa ngayo
uFudo lasondela kulo lathi, “Awusadanisi
kakuhle, khawuze torho khe sidanise kunye.”

Lwaphendula sele libamba idada lidanisa nalo
ngovuyo uFudo, “Kudala ndilulindile olu suku.”



Zathi zakubabona bedanisa izilwanyana,
zababukela zibaqhwabela izandla. Kwakucace
gca ukuba idada nofudo baza kuluphumelela
ukhuphiswano lomdaniso.

Idada laqalisa ukudlisela, laphakamisa uFudo
ngamaphiko alo.



Wonke umntu owayelapho wamangaliseka xa kusiwa iphiko phantsi. UFudo wazama ukulibamba iphiko kodwa akakwazi tu.

Kwavakala ingxolo nemikhwazo, “Lufudo olu, luzenze idada khonukuze lukwazi ukuza kweli theko kanye ngoku lingakhange limenywe.

Lafa zintloni uFudo lwaziva luhlazekile. Lalinqwenela ukuba umhlaba ungavuleka lungene kuwo.

“Phuma apha wena, singadanga sakubetha!” satsho isagwityi sizama ukubamba iphiko elalishiyekile loFudo. Lalizama ukulukhupha phandle.

“Khanincede nimamele nonke. Le yindlu yam. Akukho mntu uza kubetha uFudo apha, niyandiva?” yatsho iPikoko ijonge kwaye ilusizela uFudo.

UFudo lwathula lungazi ukuba luthini. Lwaluxakekile luzama ukunxiba isifonyo elalisinxibile.

“Ncedani torho nindixolele, ndicela uxolo,” lwatsho lucenga uFudo.





Inja kunye nekati zazikrobe efestile ziphelile yintsini. Zakhwaza, “Heke, tshotsho Fudo, uza kutsho uyeke ukuya emathekweni ungamenywanga.”

IMIBULELO KWABA

Ibhalwe ngu

Harold Gondwe

Izotywe ngu

Karen Ahlschläger

Umhleli

Mavis Ndlovu

Umhleli

PixelPing Design

Umguquleli

Nontsikelelo Ntusikazi

UMqinisekisi woBulunga

Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00822-7



basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

